



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P2**

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha angama – 24

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiquatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamacandelo amane:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Imibongo	(35)

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula imibuzo ibe miBINI iyonke, umbuzo ube mNYE nakweliphi icandelo kula: A, B, C no D.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula imibuzo kumabali omabini abuziweyo.

ICANDELO D: IMIBONGO

Phendula imibuzo ebuziweyo yomibini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.
7. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
10. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQUATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	Kusa kusihlwa	Umbuzo omfutshane	35	5
OKANYE				
2.	Umqol'uphandle	Umbuzo omfutshane	35	9

OKANYE**ICANDELO B: IDRAMA**

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.

3.	Ndiyekeni	Umbuzo omfutshane	35	13
----	-----------	-------------------	----	----

OKANYE**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE: Ndakuyicel'ivuthiwe**

Phendula yomiBINI imibuzo kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
4.1	Thath'into zakho mthakathindini	Umbuzo omfutshane	18	17
4.2	Ngumnt' Onjani Lo?	Umbuzo omfutshane	17	19

OKANYE**ICANDELO D: VUKANI MADODA**

Phendula imibuzo yomiBINI kweli Candelo.

5.1	Intaba kaNdoda	Umbuzo omfutshane	17	21
	Ukungcwatywa kwetalente	Umbuzo omfutshane	18	23

ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

	ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHEMULWAYO	PHAWULA
A	INoveli (Umbuzo omfutshane)	1-2	1	
OKANYE				
B	Idrama (Umbuzo omfutshane)	1	1	
OKANYE				
C	Amabali amafutshane (Imibuzo emifutshane yomibini)	2	1	
OKANYE				
D	Imibongo	2	2	

QAPHELA: Phendula imibuzo ibe miBINI nakweliphi na icandelo kula: A, B, C, no D.

ICANDELO A: INOVELI**Khetha inoveli ibe NYE kweli candelo****UMBUZO 1 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda ngocoselelo esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ugqithele esinaleni apho afike wadibana neziphatha-mandla zamchazela yonke into eziyaziyo neyenzekayo kuMpumelelo. UNkosikazi Masiko notitshala uMadala nabo bazinike ithuba lokukhe badlane iindlebe noYolisa nangenjengoko uphando lwabo babesaluqhuba. Ufunelwe indawo yokulala kwaMnu. Madala kuba kulapho kwakukho indawo yendwendwe.

Ngorhatya lwaloo mini uNkosikazi Masiko uthathe ithuba elide kwaMadala kudliwa amathole eendaba, kumnandi konwatyawe ngakumbi kuba la makhosikazi athi kanti akha adibana apha elizweni. Emva kwencoko uYolisa uye wabalisa eli bali lilandelayo mayela nobomi bukaMpumelelo emva ekhaya.

Uthi xa ebalisayo, uMpumelelo lo wazalwa nguLungile into yaseMaJwarheni eLusikisiki phantsi kwekumkani yamaMpondo aseQawukeni, uNkosi Bhota Sigcawu ,kuloo lali yakuKhamisa. Unina yintombi yasemaZizini, igama layo nguNomakhwezi kwaye isinqe sayo sikwalapha eLusikisiki, kodwa ke eZalu.

UMaDlamini uqale ukwazana noJwarha lo beselula noko. Kwakuxa bagqibela ibanga leMatriki eMariazel. Bathe ukuphuma apho bobabini baya eThekwini ngaxesha nye. UNomakhwezi yena uqale ubongikazi eKing Edward, waza uLungile wasebenza kwaBriana ifem ebithengisa umchako wempahla eMbilo. Kulapho afunde khona ubungontsingontsi nobuchule bokuqhuba ishishini norhwebo.

Ubevana nesekele lomphathi-ziko eli, yaza loo nto yenza ukuba uLungile abe nethamsanqa lokwazi ukuphathwa kwencwadi zeshishini. Kaloku lo mfo wayesonqena umthetho lo wakhe, waza wamana ukuwuphosa kuLungile wonke umsebenzi wakhe, kanti kukuncedakala kukaLungile oko.

- 1.1.1 UNkosikazi Masiko noYolisa badibana kweyiphi indawo? (1)
- 1.1.2 Chonga isaci esibonakalisa ukuba uNkosikazi Masiko notitshala uMadala babekhe bathetha ngalo mcimbi uze noYolisa. (1)

- 1.1.3 Matanisa iimpawu zenoveli ezikuKholam A neempendulo ezikuKholam B.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	Umbalisi kwesi sicutshulwa	(i)	NguMpumelelo
		(ii)	NguLungile
(b)	Umlinganiswa ophambili kweli bali	(iii)	NguNozililo
		(iv)	NguYolisa
(c)	Umlinganiswa ongumchasi	(v)	NguNomakhwezi

(3)

- 1.1.4 Uphuhlisa ntoni umbhali ngokusibalisela ngengcambu kaMpumelelo? (2)
- 1.1.5 Iqhalo elithi: 'igqabi aliwi kude emthini walo', livezwe njani kweli bali? (2)
- 1.1.6 Ukuthenga ivenkile kukaLungile eMlazi kube ngunobangela wempixano ethe yenzeka apha ebalini. Ngqina oku ngokuthi ucaphule impendulo yakho ebalini. (2)
- 1.1.7 Ukuvezwa kobukhwele bukaNomakhwezi nobuye babangunobangela wengozi echaphazele usapho lwakhe kuveza ... (1)
- A. Ukucingela phantsi oomama
B. Ukubonisa ingcinga ecala nye
C. Ukwahlula-hlula oomama kootata
D. Ukubacaphukela abantu basetyhini
- 1.1.8 Ngokwalapha ebalini babefana ngantoni uLungile noNomakhwezi? (2)
- 1.1.9 Ingaba igama anikwe lona uMpumelelo liwuphuhlisa njani umxholo webali? (2)
- 1.1.10 Sibe naziphumo zini isiphene athe wanaso uNomakhwezi apha ebalini? (2)

[18]

ISICATSHULWA B

1.2 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

URhulumente waseTranskei encediswa ngowoMzantsi Afrika wenze igalelo elikhulu ukwandisa amasebe esi sibhedlele ngokwesicelo sikaMpumelelo oyena gqirha wayebekwe ukuba abe ngumongameli wesibhedlele. Yena uMpumelelo umenywe kwiindawo ngeendawo ukuba aze kunceda abanye oogqirha kwezinye iindawo mayela nonyango lwengqondo. Kuthe emva kweminyaka emibini sakhiwe esi sibhedlele, kwenziwa umvulo waso.

Inginginya zabantu ezazilapho zazingabaleki. Zazikho izinxiba-mxhaka zelizwe lemidaka; oogqirha, amagqwetha, iititshala, abefundisi, abaphathiswa, izifundiswa, nomgwenye obomvu ndawonye nabantwana. Izithethi zathetha akwamila ngca. INkulumbuso yaseTranskei yalebela kumazwi ayo ngokuthi:

“Mfo kaNtsibande, eli linge uthe walenza kude kuze kuma kweli nqanaba ukulo, lelincomekayo neliya kuhlala lihleli ezimbalini zabantu baseTranskei bedibene noRhulumente wabo. Akwaba wonke umlisela nomthinjana weli ubungathabatha lo mzekelo wakho, ulandele ekhondweni lalo mzila uthe wawenza, lazi ukuba impumelelo yesizwe isekubeni kusetyenzwe nzima, kuphathiswane ngomsebenzi”

“Igalelo lomntu ngamnye lifana nethontsi lamanzi elithi lidibane nelinye likhuphe umsinga ogugumayo okwazi ukufunqula nayiphi na into ephambi kwawo. Eli sebe leMpilo libaluleke kakhulu ebomini boluntu. Ukuba sonke singenza amalinge alolu hlobo, akungepheli neminyaka elishumi umgangatho wempilo yethu ungaphucukanga.”

- 1.2.1 Ukuphumelela kukaMpumelelo kwambeka kweliphi inqanaba ebomini? (1)
- 1.2.2 Inginginya yabantu ababezimase itheko lokuvulwa kwesibhebele babesuka phi? Nika iindawo zibe Mbini. (2)
- 1.2.3 Ingaba UMpumelelo ngewayegqwesile ebomini ngaphandle kwenkxaso yezizalwane zakhe nezihlobo zakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.4 Nika igama lomnye umntu owadlala indima enkulu kwinkqubela phambili kaMpumelelo, ngaphandle kwezizalwana zakhe. (1)
- 1.2.5 Wayebalasele kunyango lwantoni uMpumelelo? (1)
- 1.2.6 Ukuza kufuna unyango ngabantu abaninzi, ababesuka kwezinye iindawo, kwakuchaza ntoni ngoMpumelelo? (2)
- 1.2.7 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

- 1.2.8 Indlela entle ebomini bukaMpumelelo yenziwa lula kukuba zange acinge ngokuziphindezela kwintshaba zakhe. Ingaba eli nyathelo lalilungile okanye lalingalunganga? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 1.2.9 Ucinga ukuba yintoni injongo yombhali ukusibhalela eli bali? (2)
- 1.2.10 Nika isizathu esabangela ukuba uMpumelelo angayi kusebenza eMlazi. (2)
- 1.2.11 Laba yintoni igalelo likankosikazi kaMpumelelo kubantu baseMampondweni? Chaza into ibe Nye. (1)

[17]**[35]****OKANYE**

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UMQOL'UPHANDLE – P.M. Ngani****ISICATSHULWA A**

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ilokishi yaseMonti ivuswe ebuthongweni liphepha-ndaba laloo mini ngeendaba ezibhengeza ukuba:
 “BAFUNYENWE BEFILE KWIMITO EBUTYOBO”
 Inqaku eliphume kwikhasi lokuqala kolo shicilelo livele lisithi, “Phezolo, uEddie Maga wodumo lwaseMoonglow ekunye noLulama Zuma bafunyenwe besongene beyintlama-sebefile emva kwevili lemoto ebutyobo, kuloo mpengempenge yendlela isuka kwiRio Cinema, ekupheleni kwelokishi yaseZiphunzana.

“Abantu ababephuma kumboniso obukuloo holo bangungene phezu kwaloo mbono umasikizi, behanjelwa yimizimba kukubona imoto ingene yacudiseka kwisibonda seengcingo zogesi. Umkhondo oshiywe ngamavili ubonakalisa ukuba imoto leyo yenze amajikojiko ukuyilahla kwayo indlela phambi kokuba iyongqubeka kweso sibonda.

“Kufunyenwe imbumbulu ekucingelwa ukuba iphume kwivolovolo eyi-.38 automatic. Imbumbulu leyo ithe qhushe phakathi kukakayi lwentloko kaEddie Maga. Ivolovolo yona ayibonwanga. Amapolisa asaphanda.

Esi sihelegu sehle kubantu ababonwe bekunye eRio, beyinxalenye yaloo nginginya ibizalise kuloo holo, itsalwe yindumasi yomboniso webhayaskophu onembalasan- uNongqawuse.”

“Kuyacaca ukuba baphulukene nobom babo beyindlela egodukayo.”
Isimanga sesi, uphi yena loo Linda Monti? Ngubani obulele uEddie?
 Ivolovolo ebulele u-Eddie yekabani? Nantso-o ke inkohla nengxaki.
 Kanti ke esi siganeko sandulelwe kwangephezolo elo zizigigaba kwigumbi likaLinda Monti, esona sithandwa saziwayo sikaEddie.

- 2.1.1 Lalisithini inqaku elaliphambili kwiphepha ndaba lelokishi yaseZiphunzana eMonti? (1)
- 2.1.2 Nika amagama abantu ababini ababekhankanyiwe kweli phephandaba. (2)
- 2.1.3 Chaza indawo ewayephangela kuyo omnye waba balinganiswa ubachaze kuMbuzo 2.1.2. (1)
- 2.1.4 Thelekisa iRio Cinema kunye neMoonglow ngokuzazi kwakho apha ebalini. (2)
- 2.1.5 Eli gama 'beyintlama' linika owuphi umfanekiso-ntelekelelo? (2)
- 2.1.6 Yintoni injongo yombhali ukusivezela le ngozi yemoto kwesi sigaba sencwadi? (2)

- 2.1.7 Imbumbulu eyafunyanwa entloko kaEddie yaba naliphi ifuthe apha ebalini? (2)
- 2.1.8 Umboniso bhanyabhanya uNongqawuse uhambelana njani neli sikizi lilapha kwesi sicutshulwa? (2)
- 2.1.9 Esi sivakalisi sikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicutshulwa sichaza ntoni ngokuthe kwaqhubeka apha ebalini? (2)
- 2.1.10 Yintoni ocinga ukuba umbhali uphumelele ukuyiveza kwesi sicutshulwa sokuqala kweli bali? (2)

[18]

ISICATSHULWA B

2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Labo ngako ke igalelo lezihlobo zikaLinda ukuzama ukusindisa owakubo. Ezazilapho kwelo gqwetha zabuya zayigeja ilokishi zixelela ezinye izihlobo ezazingekho, kufunwa ukwenziwa umqulu omkhulu wamagama abantu abangxengxezela uLinda mhla kwathiwa makabonane nentambo.

Babekwenza oku ngokuqonda ukuba liya ekutshoneni ilanga kulowo babemthanda-bemthanda ngenxa yesimo sakhe nangokukwazi kwakhe ukusebenzisana nabantu apho wayesebenza khona kanti nasentlalweni yobukhaya.

Singazinje wayekwanjalo ukuxhalaba noHlobo. Ngumfo lowo owayeqhele ukuyivumbulula imigulukudu angabuyi abenenceba kuyo. Kodwa namhla wasuka akonwaba. Kwathi khona wakusondela umhla wetyala, waya ekhulelwa ngumvandedwa. Wada ngaminazana ithile, wagqiba kwelokuba aye kokaNgqondi, emzini wamapolisa.

“Sajini,” utshilo, bedlana indlebe ekhusini: “Ndithi mandize kuwe ngento endikhathazayo.”

“Khawutsho, Dick, sive ezi ngxaki zakho zemihla ngemihla.”

“Uyazi nawe ukuba umsebenzi wam ndiyawuthanda...”

“Kunjalonje usegazini, wawudalelwa, unobuchule bawo, asinakwenza ngaphandle kwakho,” unqumle watsho okaNgqondi, emtyibela ukuncoma kuba esuke warhana ukuba ujonge ukuyixhoma ibhatyi.

“Ndinezizathu ezibangela ukuba ndiwuthande,” uqhubile yena okaHlobo, engakuhoyanga oko kunconywa: “Ndingumntu oyithiyileyo intw’embi.

Ndifumana ukonwaba ngenxaxheba endiyithathileyo ekulandeni umoni, ndimbone egwetywa ngobubi abenzileyo.

“Apho ndifika ndingonwabi khona kuxa kuthe ekuphandeni kwam, ndaza ndeza nomntu endimkrokrelayo, zekuthi naxa sendiqonda ukuba ndiphelelisile ukuphanda ngesenzo eso ndimkrokrela kuso, suke kungavumi ukuphela oko kukrokra.

- 2.2.1 Nika igama lelokishi ewayehlala kuyo uLinda.
- A EMdantsane
B EZiphunzana
C East London
D EDankeni (1)
- 2.2.2 Chaza izinto ewayesaziwa ngazo uLinda Monti ? Nika izinto zibe Mbini. (2)
- 2.2.3 Ngubani omnye umntu owayezama ukuncedisa uLinda ngaphandle kwezihlobo zakhe? (1)
- 2.2.4 Chonga umqolo kwisicatshulwa obonakalisa ukuba iimeko zazimbi ngakuLinda. (1)
- 2.2.5 Yintoni isizathu sokubandakanywa kwezihlobo ezazizama ukusindisa uLinda? (2)
- 2.2.6 (a) Isenzo sokukhulelwa ngumvandedwa kukaHlobo sibonisa oluphi udidi lwempixano? (1)
- (b) Yintoni eyayibangela ukuba uHlobo abe nale mpixano? (2)
- 2.2.7 Wancedwa yintoni uHlobo ukuze afumane eyona nyani kuphando lwakhe? (1)
- 2.2.8 Ingaba umbhali umveza uHlobo engumcuphi olichule okanye iqhitala? Xhasa impendulo yakho ngokwaziyo ebalini. (2)
- 2.2.9 Ingaba uyavelana okanye awuvelani noLinda kule meko akuyo apha encwadini? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 2.2.10 Ukusiwa kukaLinda enkundleni yamatyala kubonisa eliphi inqanaba lencwadi? (1)
- 2.2.11 Saba yintoni isiphelo sikaLinda apha ebalini? (1)

[17]

AMANQAKU ECANDELO A: 35**OKANYE**

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI – D.M. Jongilanga****ISICATSHULWA A**

3.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo.

(Kwiofisi yoMnu Loni, inqununu yeNobutho Higher Primary School kunkqonkqoza uMnu. Maziko, isandla sayo.)

Nkqonkqo! Nkqo!

Loni: Ngena.

Maziko: Hallow, chief!

Loni: Hallow, naso isihlalo.

Maziko: Chief, andihleli kodwa kukho isikhwebu endifuna ukukuchubela sona.

Loni: Awu! Ngaba yintoni ngoku, mfondini?

Maziko: Izinto zishiy'amehlo, ngakumbi ukuba sithe samana ukungayiqondi imicimbi enebatha.

Loni: Mfondini! Qhuba ndiphulaphule.

Maziko: Kudala ndikuxelela ngoNdila lo ukuba umsebenzi wakho omhle uwufuthanisela ngomzondo.

Loni: Njani Duka?

Maziko: Dlamini ubuxhwane kuwe bendele okweengcambu zomdiliya ude ungayiboni nengozi esemnyango.

Loni: Mfondini yek'iizagwelo, khwel'emcingeni.

Maziko: Uthetha kamnandi. Uyabona ngoku sisandl'ukungena isikolo uzulalele ukuthi gqi kukaLiziwe. Akakho klasini ngoku. UNdila umthume umqabulo esirhoxweni. Inene uza kubon'imihlola.

Loni: Akacingi, akacingi ukusenza ibhari esi sikolo.

Maziko: Ukungacingi yenye into, sececinge wadwala. Izigede zamakhoba kwikhabhathi yakhe zicul'ingoma yomoya.

Loni: Izembe lidla ngokubuyela kumninilo ukuba uyakuqobola ukugawula. Kudala ndimcebisa uNdila. Ngoku ndingxamele ukusela amanzi.

Maziko: Akunawujika umlambo elwagcibeni.

Loni: Ndifanele Duka ndibethwa kukuhlohla kwale ndoda inxila njalo.

Maziko: Ihlohla nini, phi, isoloko yambethwe yingcala-ngcala nje intsasa le yonke? Ukuba usacinga ukumcebisa, uya kuba uphand'idlaka. Into yokuzama ukumlumla emithonjeni yintsindabadala eyongamele nabanxanwayo ngokwabo.

- 3.1.1 Nika igama lendawo esasikuyo isikolo ezazifundisa kuyo ezi zithethi zikwesi sicutshulwa. (1)
- 3.1.2 Ingaba ezi zithethi zazibekwe kweziphi izikhundla apha esikolweni? (2)
- 3.1.3 Chaza into eyayibangela ukuba ezi zithethi zibizane ngeziduko? (1)
- 3.1.4 Chonga isivakalisi kwisicutshulwa esibonakalisa ukuba uMnu Loni wayelungile. (1)
- 3.1.5 Yintoni eyayibangela ukuba uMaziko aze kuxela umkhuba kaNdila kuMawonga? (2)
- 3.1.6 Umbhali umveza engumntu onjani uMaziko ngesi senzo athe wasenza kuMbuzo 3.1.5? (2)
- 3.1.7 Le ntetho: "Izembe lidla ngokubuyela kumninilo ukuba uyakuqobola ukugawula", iye yaba nefuthe lini apha encwadini? (2)
- 3.1.8 Ukuvuma kukaLiziwe ukuba athunywe utywala ngutitshala ngexesha lesikolo, Kwakulungile okanye kwakungalunganga? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.1.9 Ukubandakanya abantwana kwisiyobisi utywala besebancinci, kuye kwenze ntoni kubomi babo? (2)
- 3.1.10 Ikweliphi inqanaba lesakhiwo sedrama incoko yezi zithethi zikwesi sicutshulwa singentla? (1)
- 3.1.11 Ibinzana elithi; "Bumtyebise babuya bamsonga". Lizoba mfanekiso ntelekelelo mni? (2)

[18]

ISICATSHULWA B

3.2 Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

(Wagoduka akugxothwa uMawonga kwaFuneka. Kwakusa wazivalela intsasa yonke, emalanga waya edolophini wabuya wazivalela egumbini lakhe, wavakala ethetha ngorhatya:)

Mawonga: Ubomi yintonga yobhedu ekhwela emthini ngamanqanam. Ukuba iphose lalinye ityibilika iye kuwa ezantsi. Umntu akagqitywa ungasiboni isithunzi sakhe nemizila yeenyawo zakhe. Bendisoloko ndisithi ndonakele kanti ndonakalisiwe. Inene, inene, inene-inene ukuba ooNdila aba bacinga ukuba ndisisisulu senkunzi yentwala yona yoyiswa luzipho, 'bohlangu nenyoka iphunga umhluzi Imali yabantwana bam!' *(Watsho ubuso buthe nkwa ejonge ngokungathi amehlo akanankophe)* Engaka yona?

(Waphuma apho wonda kwaFuneka apho afike kungekho mntu. Wangena ngefestile eyayingavalwanga kakuhle. UFuneka nabahlobo bakhe bafika ngentsimbi yesibini ekuseni, bevela eBhayaskophu.)

Funeka: O! *(ezamla)* Zanele khawenze ikofu wethu

Zanele: Yi bethu! Ikofu ebusuku apha?

Ndila: Look girls, get us something cool from the frigerator.

Zanele: Ufuna ukulandela umhlobo wakho uMawonga?

Ndila : Akusekho mntu apho.

Zanele: Shame ! Fanukuba unqonkqoze ubusuku bonke namhlanje.

Funeka: Unani engahlali endlwini yakhe nje. Asinaxesha leentaka ezithi zindala nje zibe zifuna umfunzelo.

Ndila: Niyawona ke lo msitho woloyiso.

Funeka: Kulungile wethu akukho nto imbi ekuqongqotheni umongo emva kokutya inyama.

Zanele: Maqela bumkile ubusuku masibeke amathambo ngoku, lide eli thuba.

- 3.2.1 Babehlalaphi uFuneka noZanele? (1)
- 3.2.2 Wawuyintoni umsebenzi wabo? (1)
- 3.2.3 Ingaba ubuhlobo babo buvezwe njani ngumbhali? (2)
- 3.2.4 Chaza igama lomntu owayencedakala zizenzo zobuhlobo obabuphakathi kukaFuneka noZanele? (1)
- 3.2.5 “Bendisoloko ndisithi ndonakele kanti ndonakalisiwe”
- (a) La mazwi angentla abonisa oluphi udidi lwempixano? (1)
- (b) Athetha ukuthini la mazwi alapha kuMbuzo 3.2.5(a)? (1)
- 3.2.6 Kusityhilele ntoni ngesimo sentlalo indlela ekuphilwa ngayo kwilokishi eqhubekaka kuyo le ncwadi? (2)
- 3.2.7 Uphumelele njani umbhali ukusizobela umlinganiswa ogama linguZanele? (2)
- 3.2.8 Ucinga ukuba uMawonga ube esifanele isikhundla sokuba yinqununu kwisikolo iNobutho? (2)
- 3.2.9 Ingaba uyavelana okanye awuvelani nendlela obuthe baphela ngayo ubomi bukaMawonga? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.2.10 Izifundiswa ziyathanda ukwenzelana ububi emsebenzini. Ngqina okanye uchase le ngcamango ngokoyama ngeziganeko ezithe zenzeka apha ebalini. (2)

[17]

AMANQAKU ECANDELO B: 35**OKANYE**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**NDAKUYICELA IVUTHIWE – L.L. NGEWU no E. Z. GUQA****UMBUZO 4 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****“THATH’IZINTO ZAKHO MTHAKATHINDINI”: L.L.NGEWU****ISICATSHULWA A**

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

UMaNdlangisa ukhululeke ngexesha abafazana babefukuzela, bevela kufula emasimini, nyakana uthile, apho amasimi akuKhothana ayechume ngathi ayadlisela. NoMaNdlangisa ukuba ebengabethwanga kukuba sefukwini ngewaye ngomnye wabo batshakazana bebehambela phezulu, begejeza ngathi bayaqala ukudibana nolibo. Kumfazazana okhulelweyo akukho nto ilithamsanqa njengokukhululeka kungabangakho kukhwina kungasi ndawo. USikhonkwane, uyisezala kaMaNdlangisa, wanele nje ukuva ukuba unomzukulwana. Ubuzile kuMakhumalo, umfazi wakhe, ukuba uMaNdlangisa uze namntu mni na.

“Ngumntwana oyintombazana yise kaThemba.”

“Igama lakhe ke nguNondyebo kuba ezelwe ngonyaka wendyebo.

“Elinye ke igama endimthiya lona nguKhuthala, kuba ndiqinisekile uya kukhuthala lo mntwana. Akwaba ke umzukulwana wam angakhuthalela ubulungisa”.

Ukhule uKhuthala ehlala kuKhothana noyisemkhulu noninakhulu, kuba uyise ebeligoduka elisebenza eGoli. Le nto imenze uKhuthala waqiniseka ukuba uyisemkhulu noninakhulu ngabona bazali bakhe. Le ntwazana ikhule itefiswa kakhulu ngakumbi nguyisemkhulu obeyikokose okweqanda lesikhwenene. Enye yezinto uKhuthala ebezithanda gqitha ekukhuleni kwakhe, ibikukubethelela uyisemkhulu xa esenga iimazi zakhe zeenkomo ekuseni. Akwazeki ke phofu nokuba oku kukhuthalela kukaKhuthala **ukubethelela** bekunento yokwenza na nokukreza, kuba xa asengayo uyisemkhulu ubengahlukani nemazi yenkomo engayikrezisanga le ntwazana. Mhla angavuswanga nguyisemkhulu xa esiya kusenga ubejweda ukukhala esithi, “ Utata yena akafuni ndibethelele!”

Ngeny’imini ude uyisemkhulu walincoma eli gqiyazana linyembezana ngelithi, “Kowu wena mzukulwana, soze wahlukane nokubethelela”.

- 4.1.1 Nika igama lomntwana owathi wafunyanwa nguMaNdlangisa. (1)
- 4.1.2 Kwakutheni ukuze lo mntwana athiywe eli gama ulinike kuMbuzo 4.1.1. (1)
- 4.1.3 Ngubani elinye igama lomntwana omchaze kuMbuzo 4.1.1 (1)

- 4.1.4 UMaKhumalo noMaNdlangisa babezalana njani? (2)
- 4.1.5 Igama elibhalwe ngqindilili lithetha ukuthini? (1)
- 4.1.6 Ingaba yinto elungileyo okanye engalunganga ukukhuliswa komzukulwana , ngumakhulu notatomkhulu? (2)
- 4.1.7 Ingaba intombi kaMakhumalo yaba ligqirhakazi eliphumeleleyo? Cacisa. (2)
- 4.1.8 Umxholwana wentwaso kaNondyebo uveza ntoni malunga nenkolelo kwizinto zakwaXhosa kunye nenkonzo? (2)
- 4.1.9 Umbhali weli bali umzobe njani uKhuthala ? (2)
- 4.1.10 Ucinga ukuba uKhuthala waphila ubomi obunjani emva kokugqiba isigwebo sakhe? (2)
- 4.1.11 Yakha iqhalo elibonakalisa ukuba uKhuthala akazange ahambe indlela ewayekhuliswe ngayo kowabo. (1)

[17]

ISICATSHULWA B

“NGUMNTU ONJANI LO?”: L.L.NGEWU

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

UNgxabane uguqukile akuva eli culo waphinda waxanda emnyango ejonge ngasenkundleni. Umhle lo ebenxibe umthika omnyama obuntama ukuba indod'enkulu yakha yaya eDyunivesithi nakuba ke yawongwa nje ngomthika wediploma apho. Apha entanyeni ebejingisa umnqamlezo obungagqunywanga ngokupheleleyo yintshebe yakhe. Ngaphandle kokuhomba, indima yomnqamlezo ibingaqondakali kakuhle. Kwindlebe yasekhohlo ubenxibe icici ebekholelwa ukuba lilwa urhatyazo lwamehlo. Ubonakele ngentsobi yobuso ukuba ukhumbule ukuba kuzokwenziwani kweli khaya. Ungcangcazelise ilizwi ngoku wathi, **“Ndim uvuko, ikwandim ubomi, lowo okholwayo kum, nangona efile, uya kuphila, nalowo uphilayo ekholwa kum, akasayi kufa naphakade”**.

Amazwi kaNngxabane awakhulule amadoda ebemi xhonkxosholo ebaleni aqalisa ukolula ngathi sisipani seenkomo. Mhlawumbi enye yala madoda asibhozo ayanelisekanga ngamazwi kaNngxabane kuba apho agqibe khona umfundisi enye yala madoda itsho ngokuqavileyo yathi, **“Ungasisi ematyaleni isicaka sakho Nkosi, ngokuba phambi kwakho akukho namnye uhleliyo olilungisa.”** Emva koko le ndoda iye yathula tu ngokungathi yanelisekile kukuva ilizwi layo negalelo layo kule nkonz. UNgxabane uphinde wayoxuthela kuye le nkonz wathi, **“Endlwini kabawo zininzi iindawo zokuhlala ... Ndiyemka ndiya kunilungisela indawo.”**

Umfundisi ukhe wanyeka ngemva efun'ukuqinisekisa ukuba umhlambi wakhe uyalandela na. Phaya kula ndawo ebexabe umkhumbi ngoku kubonakala ukuba umfi ubhokile ukuba baya kuphuma naye kolo xande bevile.

4.2.1 Yayingubani igama lendoda eyayingcwatywa apha ebalini? (1)

4.2.2 Lithetha ukuthini elibinzana lilandelayo malunga nale ndoda uyichaze kuMbuzo 4.2.1. “Kwindlebe yasekhohlo ebenxibe icici ebekholelwe ukuba lilwa urhatyazo lwamehlo. (1)

- 4.2.3 Yeyiphi incwadi ebalulekileyo kubomi bomntu ongumKrestu? (1)
- 4.2.4 Nika ubungqina obuchaza ukuba enye yamadoda ewayezimase umngcwabo, yayifundile. (2)
- 4.2.5 Bhala iziganeko zibe ZIBINI ezichaza iingxaki ezazikho emngcwabeni nekuthethwa ngazo ebalini. (2)
- 4.2.6 Yintoni eyayibangela ukungahambi kakuhle kumngcwabo ekuthethwa ngawo ebalini? (2)
- 4.2.7 Zingaphi iiyure owazithathayo lo mngcwabo? (1)
- 4.2.8 Kumaxesha angoku imingcwabo yaphulukana nesidima!. Yinyani okanye Bubuxoki. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2.9 Ucinga ukuba amangcwaba aseadini ayenentsingiselo ethini kwintlalo yakwaXhosa? (2)
- 4.2.10 Xela umyalezo othunyelwa yimbongi ngokusibhalela eli balana (2)
- 4.2.11 Ngowuphi omnye 'umhlambi' owaziyo ngaphandle kwalo uchazwe apha ebalini? (2)

[18]**AMANQAKU ECANDELO C: 35****OKANYE**

ICANDELO D: IMIBONGO**VUKANI MADODA – A. STEMELE:**

Phendula yonke imibuzo yomiBINI kweli candelo.

MBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

5.1 Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Intaba kaNdoda – Ngangata LS

1. Ngxatsho-o-o-o-ke, mzi waseMaxhoseni!
2. Ngxatsho-o-o-o-ke, hlanga lwakwaluhlanga!
3. Ndithetha nani, zidweshwa namagqiyakazi.
4. Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthinjana.
5. YiNtaba KaNdoda intaba yeentaba.
6. Yintab'encoph'isondele ezulwini.
7. Yintab'ezinyaswe ngamahlath'akwaHoho,
8. Inge ithozamel'ukuthandazel'mvula.
9. Kulapho kutsholoz'iintaka neenyamakazi,
10. Ngokungathi zidumis'uQamata ngesihomo;
11. Zimzukisa ngokudala le Ntaba kaNdoda;
12. Zimbamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.
13. Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba.
14. Yintab'esiya kuqhayisa ngayo ezizweni.
15. Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany'iintlanga,
16. Kuba yintab'engundoqo weembali zakwaRharhabe.
17. Ntabandini ukuba ubukho la ngendithetha ndophele.
18. Ndithi ngendityibela, ndityondyotha, ndityatyadula.
19. Ngendisithi khul'ud'ukhuluphale kodwa unghokhokhobi.
20. Ngendisithi khul'ud'ufike khon'ezulwini.
21. Uthume'izijoli zize kusidlel'amathol'eedaba;
22. Zisibalisele ngezinto zalapho kwikhaya lolangazelelo;
23. Zisichazele ngezinto ezenzek'ezulwini;
24. Zisixelele ngamaXhos'ababalwe ngobomi baphakade.
25. Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
26. Kwez'uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
27. Bafika babek'ubilo kuyo le ntaba',
28. Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.
29. Babeqephuke kuGcaleka baziph'amathafa,
30. Kuba ezi nkunzi zazingooxholovane zombini.
31. Nangona zaziphuma kuPhalo, yena ncakasana,
32. Zingathandi ukukhonya buhlantini bunye.

33. Wamisa kule ntab'uRharhabe wavul'umlomo.
 34. Wathetha ebhekisa kwiindwalutho ezazimlandela,
 35. Wathi, "Madoda, kudala sixhinkxa, kwanele.
 36. Eli likhaya lethu ukususela namhla."
 37. Ayembazel'iindlebe amaXhos'akowabo.
 38. Ephambi kwawo waphinda wathetha kwakhona,
 39. "Masakhe imizi apha, silime nokulima,
 40. Kule mimandla erhangqe le Ntaba kaNdoda.

- 5.1.1 Ingaba imbongi ithetha naluphi uhlanga kulo mbongo? (1)
- 5.1.2 Chonga isaci esibonakalisa ukuba imbongi ibhekisa kulutsha. (1)
- 5.1.3 Kutheni imbongi inebhongo ngale ntaba nje? (1)
- 5.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilapha ngezantsi.
- Abantu abafika kule ntaba babevela:
1. Ciskei
 2. Namaqualand
 3. Transkei (1)
- 5.1.5 Athiywe ngabani la mahlathi? (1)
- 5.1.6 Yakha iqhalo ngenkcazelo ekumqolo we-30. (1)
- 5.1.7 Lithetha ukuthini eli binzana:
Kumhla labon'inyoka ikhwel'emthini ingenanyawo. (1)
- 5.1.8 Yintoni engamasikizi eyenzeka ukufika kwamaXhosa kule ntaba? (2)
- 5.1.9 Vakalelo luni olubonakaliswa yimbongi kulo mbongo? (1)
- 5.1.10 Ucinga ukuba imbongi ichukunyiswe yintoni ukuze ibhale lo mbongo? (1)
- 5.1.11 Nika izinto ezimbini ezibonisa isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
- 5.1.12 Ingaba lo mqolo "Wananisa ngenkomo ukuze azuz'umhlaba', uchaza ntoni ngoRharhabe inkosi yamaXhosa? (2)
- 5.1.13 Cacisa umahluko phakathi kwaba bantu, "uQamata noMdali". (2)

[17]

UMBUZO 5.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lombongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo.

Ukungcwatywa kwetalente: Nqakula. C

- 1 Ndithi ndakucinga indlela endiphile ngayo emhlabeni,
- 2 Ubomi endingenakho ukuthetha ngabo ngeqhayiya,
- 3 Kuba kungekho msebenzi mhle endithi ndiyawushiya
- 4 Njengokuba sendisondele kangakanana ngoku ekufeni,
- 5 Ndiqonde ukuba bendinokuzidla okukhulu emphefumleni
- 6 Okwenze ukuba ndingabinasipho ndisinikezela eluntwini
- 7 Ngeenjongo zokuphucula isizwe sam ezizweni,
- 8 Ukuze singabisosizwe sabangqibi, sihluthe esiswini.

- 9 Umntu ngamnye uyintsika nomsimelelo wabanye,
- 10 Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi
- 11 Eza nempucuko nempumelelo nempilo nakwabanye,
- 12 Kuba kaloku sonke emhlabeni singabakhonzi.
- 13 Inkonzo yethu mayityhutyhe ilizwe;
- 14 Iitalente zethu mazikhonze isizwe.

- 5.2.1 Umbongo oyisonethi wahluka njani kwezinye iindidi zemibongo? (1)
- 5.2.2 Yintoni ecacisa ukuba imbongi ithetha ngayo kulo mbongo? (1)
- 5.2.3 Igama italente libolekwe koluphi ulwimi? (1)
- 5.2.4 Gqibezela ngokukhetha impendulo echanekileyo kwezi zilapha ngezantsi.
- Uvakalelo lwembongi kulo mbongo ungentla ...
- (a) Ichulumancile
(b) Iyavuya
(c) Ikhathazekile
(d) Ichwayitile (1)
- 5.2.5 Chonga kwisitanza 2 igama elibonakalisa ukuba wonke umntu emhlabeni udalelwe ukusebenza. (1)
- 5.2.6 Ingaba yintoni kanye ebethelelwa yimbongi kulo mbongo? (2)

- 5.2.7 Imbongi lithandazwe! Ngqina le ngcamango ngokuthi uxhase isizathu sempendulo yakho. (2)
- 5.2.8 Imiqolo esibhozo yokuqala yahluke njani kwimiqolo emithandathu yokugqibela? (2)
- 5.2.9 Nika udidi lwesafobe esifumaneka kumgca weshumi elinanye(11), kunye nentsingiselo yaso ngokwalapha embongweni. (2)
- 5.2.10 Tshatisa intsingiselo yamagama akuKholam A kunye nentsingiselo yawo ekuKholam B.

KHOLAM A		KHOLAM B	
1.	Ilizwe	(a)	Ngulo kulinywa okanye kwakhiwa kuwo.
2.	Isizwe	(b)	Kubhekiswa kwindawo ehlala abantu bohlanga oluthile.
3.	Umhlaba	(c)	Ngabantu abahlala kwindawo okanye kumhlaba othile.
		(d)	Ngumhlambi wenkomo ohlala kwindawo ethile.

(3)

- 5.2.11 Yakha iqhalo elithetha into enye nomqolo we-9. (1)
- 5.2.12 Igama 'u-Yintsika' kumqolo wesithoba sisikweko okanye sisifaniso? (1)
- [18]**

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU AMACANDELO EWONKE: 70